

## Ukuphilela UThixo



### Sabatha Emva Kwemini

#### Fundela Isifundo Sale Veki:

1 Pet. 3:8–12; Gal. 2:20; 1 Pet. 4:1, 2; Rom. 6:1–11; 1 Pet. 4:3–11; 2 Sam 11:4.

#### Indima Yenkumbulo:

“Ngokuba amehlo eNkosi aphezu kwamalungisa, neendlebe zayo zisingisele esikhungwini sawo; kuba ubuso beNkosi buphezu kwabenza okubi.” (1 Petros 3:12).

**A** babhali beBhayibhile babesazi ngokuqiniseka kobukho besono emntwini. Babenokuthini ukungazi? Ilizwe linuka sona. Ngaphandle koko, babesazi nokwabo ukuba nesono (bona 1 Tim. 1:15). Babebazi kanye nobubi baso; ngapha koko, khangela okwasenzayo—umnqamlezo kaYesu Kristu—ukusombulula ingxaki yesono. Obo bubuzulu nokutyhutyha kobukho besono. Ababhali beBhayibhile babekwawaqaphele amandla kaKristu ukuguqula ubomi bethu asenze abantu abatsha kuYe.

Kule veki, uPetros uqhubeka kwakumendo wakhe: uhlobo lobomi obutsha aya kuba nabo amaKristu kuKristu emva kokuba ezinikele kuYe aza abhaptizwa. Kakuhle, utshintsho luya kuba lukhulu kangokokuba abanye baluqaphele. UPetros akathi olu tshintsho luya kusoloko lulula; ngokwenene, uthetha ngokudingeka kokuva ubunzima enyameni (1 Pet. 4:1) ukuze kubekho uloyiso esiluthenjisiweyo. UPetros uqhubeka nomxholo otyhutyha iBhayibhile, ubukho bothando ebomini bekhulwa kuYesu. “Uthando,” utsho, “luya kugubungela inkitha yezono” (1 Pet. 4:8). Xa sithanda, xa sixolela, sibonisa oko uYesu wasenzela nasasenzela kona.

*\*Funda isifundo sale veki ukulungiselela iSabatha ka-Apreli 29.*

## “Ukucinga Nto-nye”

**Funda 1** Petros 3:8–12. Yintoni ayithethayo apha uPetros ngendlela amaKristu amawaphile ngayo? Yintoni ayiphindayo abesele ebhale ngayo ku-1 Petros 2:20, 21?

UPetros uqala abaxelele konke ukuba “bacinge nto-nye” (homophrones). Akathethi ngokufana, ngendlela ekufuneka elowo acinge ngayo, akholwe kanye ngendlela enye [nabanye]. Umzekelo omhle kakhulu wale ngcamango, ufunyanwa ku-1 Korinte 12:1–26, apho uPawulos athi khona, kanye njengokuba umzimba unamalungu amaninzi, njengezandla namehlo, kodwa unobunye bemvelo, ngokunjalo, nalo ibandla lenziwe ngabantu abanezipho ezahlukeneyo zikamoya. Kanti ke, nakwezo yantlukwano, anobunye benjongo nomoya kwingqondo yokusebenza kunye ukuze kubekho usapho olumanyeneyo. Ngokwenene, ubunye obunjalo abunto isoloko ilula, njengoko imbali yebandla lobuKristu ibonakalisa kakhulu (nakalusizi). Sekunjalo, kanye emva kwesilumkiso, uxelela abafundi bakhe ngendlela abanokuveza babonakalise ngayo lo mgangatho wobuKristu.

Umzekelo, amaKristu kufuneka enze ngovelwano (1 Pet. 3:8). Uvelwano luthetha ukuba, xa omnye umKristu esiva ubunzima, ngoko namanye aya kuva ubunzima kunye naye (thelekisa u-1 Kor. 12:26). Uvelwano lusenza ukuba sibone ngokokubona kwabanye, inyathelo elibalulekileyo endleleni yobunye. UPetros udlula athi kufuneka “sithandane” (1 Pet. 3:8). UYesu ngokwaKhe wathi, indlela eniya kububona ngayo ubulandeli baKhe benyaniso, iya kukuba bathandane (Yohane 13:35). Ukudlula apho, uPetros uthi, amaKristu aya kuba nentliziyo enobubele (1 Pet. 3:8). Aya kuba nemfesane komnye kwiinzima nokusilela [ kwakhe]. “Bethelani u-mna emnqamlezweni; xabisani abanye kunani. Ngaloo ndlela niya kuziswa kubunye kunye noKristu. Phambi kwezulu lonke, naphambi kwebandla nelizwe, niya kuthwala ubungqina obungenakuphazanyiswa bokuba ningoonyana neentombi zikaThixo. UThixo uya kunizukisa ngomzekelo eniwenzayo.” — Ellen G. White, *Testimonies for the Church*, vol. 9, p. 188.

**Sikholisa ukuyenza kangaphi le nto ithethwa nguPetros apha, ngakumbi indawo “[yoku]ngabuyekezi ububi ngobubi” (1 Pet. 3:9)? Kukufa okunjani ku-mna ekufuneka sikwenze ukuze lilandele la mazwi? Singanako njani oko kufa? (Bona: Gal. 2:20.)**

## Ukuva Ubunzima Enyameni

Ewe, uYesu wafela izono zethu, laye ithemba lethu losindiso lifunyanwa kuphela kuYe, ebulungiseni baKhe, obusigqumayo, busenze ukuba sibalwe njengabalungileyo emehlweni kaThixo. Ngenxa kaYesu, “namkelwe phambi kukaThixo njengokungathi anizange none.”—Ellen G. White, *Steps to Christ*, p. 62. Ke, ubabalo lukaThixo alupheleli nje ekuxeleni, nasekuvakaliseni ukuba izono zethu zixolelwe. UThixo ukwasinika amandla okuba nathi sizoyise izono zethu,

**Funda 1 Petros 3:18,21; 1 Petros 4:1,2, kunye noma Roma 6:1–11. Yintoni ehlanganisa ukuphatheka kakubi nokoyisa isono?**

Kukho igama elincinane lesiGrike elisetyenziswe ku-1 Petros 3:18 elicinezela ngobubanzi bendalo yombingelelo kaYesu. Ligama u-hapax, elithetha ukuthi, “kwaba kanye.” UPetros usebenzisa u-hapax ukugxininisa ngobubanzi bemvelo yokuva ubunzima kukaYesu kunye nokusifela kwaKhe. Isaci u-“Ekubeni ngoko” ku-1 Petros 4:1 sihlanganisa u-1 Petros 4:1, 2 noko bekusanda kuthethwa ku-1 Petros 3:18–22. Kwezi ndima zingaphambili, uPetros ubonisa ukuba uKristu weva ubunzima ngenxa yezono zethu ukuze asizise kuThixo (1 Pet. 3:18), kwanobhaptizo olusisindisayo [1 Pet. 3:21]. Ubhaptizo, ngoko, mhlawumbi luleyona nto esithi ngayo siwaqonde amazwi kaPetros “... ngokuba lowo uve ubunzima esenyameni, ukhunyulwe ekoneni” (1 Pet. 4:1). Ngobhaptizo, umKristu ubanesabelo ekuveni ubunzima nasekufeni kukaYesu; umKristu ukhethe “ukuphila ubomi bakhe obuseleyo basemhlabeni kungengazo iinkanuko zomntu kodwa ngentando kaThixo” (1 Pet. 4:2, NRSV). Oku kunokwenzeka kuphela ngokunikela u-mna yonke imihla eNkosini nokubethelela emnqamlezweni “inyama ... kunye neminqweno neenkanuko zayo” (Gal. 5:24). KumaRoma 6:1–11, uPawulos uthi ekubhaptizweni amaKristu amanywa noYesu ekufeni nasekuvukeni kwaKhe. Ekubhaptizweni, sife esonweni. Sidinga ngoku ukukwenza oko kufa esonweni kuphatheke ebomini bethu. Amazwi kaPawulos, “Zibaleleni ekuthini, ningabafileyo okunene kwisono; kodwa ningabadla ubomi kuThixo, nikuKristu Yesu, iNkosi yethu.

**Kwakukunini ukugqibela kwakho ukuzifumana “uphathe kakubi” enyameni ukuze ulwe nesono kwakhona? Impendulo yakho ithini kuwe ngobomi bakho bobuKristu?**

## Ukuzalwa Ngokutsha

KuKristu sinobomi obutsha, isiqalo esitsha. Sizelwe ngokutsha. Ukuba oku kunento okuyithethayo, ngakumbi kwabo bamkele uKristu emva kobuntwana, inokuba ithetha ukuthi baphila ngokwahlukileyo kunangaphambili. Ngubani ongazange awave amanye amabali ekunzima ukuwakholelwa abo bathi, bebesehlathini, bazuza inguquko enkulu ngenxa kaYesu nobabalo lwaKhe olusindisayo? Ngokwenene, emva kokuthetha ngokufa ku-mna nangobomi obutsha esinabo kuYesu (sakuba sibhaptizelwe ekufeni nasekuvukeni kwaKhe), uPetros usuka athethe ngohlobo lwenguquko athi umntu abe nalo.

**Funda 1 Petros 4:3–6. Lutshintsho olunjani olwenzeka ebomini bomntu, baye basabela njani abanye kolo tshintsho?**

---

Izaci ezithathu uPetros awazisebenzisayo ukuchaza ukusebenzisa gwenxa utywala zezi: “ukutshiswa yiwayini,” “iindywala” “imithayi.” Ukusebenzisa ulwimi lwale mihla, iintsuku zolonwabo ziphelile. Ke khona, ngokukaPetros, utshintsho analo amaKristu lumele ukuba lukhulu ngokwaneleyo ukuze abo babemazi umKristu kubomi obadlulayo Bathi “nqa” kukuyeka kwakhe ukubakho kuyo yonke loo nkitho (1 Pet. 4:4, NKJV). Ngoko ke, siyabona apha ithuba lokungqina kubantu abangakholwayo ngaphandle kokushumayela. Ubomi bomKristu bokuhlonela uThixo bungabubo ubungqina kunazo zonke iintshumayelo emhlabeni.

**Uthini uPetros kwezi ndima ngomgwebo?**

---

Apha, nanje ngezinye iindawo eBhayibhileni (Yohane 5:29, 2 Kor. 5:10, Heb. 9:27), uPetros wenza kucace ukuba ngenye imini kuya kubakho umgwebo wezenzo ezenziweyo “enyameni” (1 Pet. 4:2). Xa uPetros ethetha ngendaba ezilungileyo ukuba “zashunyayelwa nakwabafileyo” (1 Pet. 4:6), wayesithi, nakwixesha eladlulayo, abantu abafileyo ngoku, ngexesha besaphila babenalo ithuba lokwazi ngobabalo olusindisayo lukaThixo. Kungoko, uThixo ebagweba ngokufanelekileyo, nabo.

**Njengekholwa kuYesu, umele ukuphila ngokwahlukileyo njani ngoku kunoko wawungakholwa kuYe? Wenze mahluko mni uYesu ebomini bakho?**

---

## Izono Zenyama

Ekudweliseni izimo eziyimposiso ababe zenza abantu kwixesha eladlulayo, baza baziyeke bakukholwa kuYesu, uPetros ukwadwelisa nezibizwa ngokuba “zizono zesondo.”

### Funda 1 Petros 4:3 kwakhona. Yintoni enye ayifakayo apha uPetros?

---



---

Amagama amabini ahlange ne sono ngokuthe qabavu: “urheletyo” (aselgia, elithetha “ukuthanda iziyolo zenyama”) no-“umbulo” (epithumia, elithetha “inkanuko” okanye “umnqweno”). Kanti, kulula kakhulu kumaKristu ukunika imbono embi ngesondo. IBhayibhile ayikuchasanga ukunikana isondo. Kwelinye icala, uThixo walidala isondo, walinikela eluntwini ukuba libe yintsikelelo enkulu. Isondo lalikho e-Eden, ekuqalekeni. “Ngenxa yoko indoda yomshiya uyise nonina, inamathele kumkayo, babe nyama-nye ke. Baye bobabini behamba ze, umntu lowo nomkakhe, bengenazintloni” (Gen. 2:24, 25). Kwakufuneka sisinesinye sezixhobo eziphambili zokumanya indoda nomfazi ekuzinikeleni kubomi bonke okwenza elona khaya lililo lokukhulisela abantwana. Oku kusondelelana nokwayamana bebuya kuba sisibonakaliso sento efunwa nguThixo nabantu baKhe. (bona uYeremiya 3, uHezekile 16, Hoseya 1–3). Xa kusetyenziswe endaweni elungileyo, phakathi kwendoda nomfazi abatshatileyo, ukunikana isondo kuyintsikelelo enkulu; endaweni engalunganga, kwimeko engafanelanga, kuyeyona ntshabalaliso inkulu ehlabathini. Aphanangoku iziphumo ezibi kakhulu zezi zono zingaphaya kokubalwa ngumntu. Ngubani phakathi kwethu ongaziyo, nemiphefumlo etshabalalayo ngenxa yokusetyenziswa kakubi kwesi sipo simangalisayo?

### Yintoni ezinayo efanayo ezi ndima zilandelayo? 2 Sam. 11:4, 1 Kor. 5:1, Gen. 19:5, 1 Kor. 10:8.

---



---

Ngokuqinisekileyo, umntu akadingi Bhayibhile ukuze azi amabali entlungu nokuva ubunzima okubangwa zezi zono. Kanti, kufuneka silumke, nathi. Ngokuqinisekileyo, izono ezinje zinganamandla eziphumo ezibi kakhulu ebantwini, baze abasekuhlaleni babanyevulele. Isono sisono, kwaye ukufa kukaKristu kugubungela nezono zesondo. NjengomKristu, kufuneka ulumke, ngakumbi kulo mba untununtunu, ukuqinisekisa ukuba “[ukhupha] kuqala umqadi lowo esweni lakho, wandule ukubona kakuhle ukusikhupha isibi esisesweni lomzalwana wakho” (Luka 6:42).

## Uthando Lugubungela Konke

Nangexesha likaPetros, amaKristu ayephila elindele ukubuya kwakamsinya kukaYesu nokuphela kweli hlabathi langoku. Sikwazi oku kuba ku-1 Petros 4:7 ubhala athi, “Ke kaloku ukuphela kwezinto zonke kusondele. Yibani nesidima ngoko, nibe nobungathu, ukuba nithandaze.” Ngamanye amazwi, lungelani isiphelo. Ngenye indlela eyiyo, “isiphelo,” ngokukokwethu sonke ngabanye, asinto engaphezu komzuzu osemva kokuba sifile. Sivala amehlo ekufeni, sithi—nokuba kusemva kwewaka leminyaka, okanye nje iintsuku ezimbalwa—into elandelayo esiyaziyo kukufika kwesibini kukaYesu nokuphela kwehlabathi.

**Ngokuka Petros, kuba “isiphelo sezinto zonke” sisemnyango, amele ukuphila njani amaKristu? Bona 1 Pet. 4:7–11.**

---



---



---

Ngaphandle kokuba azimisele ahlale ekuthandazeni, amaKristu kufuneka abe “nothandano olunyamakileyo, ngokuba uthando luya kugubungela inkitha yezono” (1 Pet. 4:8). Kuthetha ntoni oko? Uthando luzigubungela njani izono? Isitshixo sifunyanwa kwindima ecatsulwa nguPetros, Imizekeliso 10:12, efundeka ngolu hlobo: Intiyo ixhokoxa ingxabano; uthando lugubungela zonke izono.” Xa sithandana, sikulungele nangokulula ukuxolela abo basilimazayo, abasonayo. Uthando lukaKristu lumkhokelela (uKristu) ukuba asixolele; uthando lwethu lumele ukusikhokelela ekuxoleleni abanye. Apho lwande khona uthando, ukona okuncinane, nokunye okukhulu, kuyekeka lula kulityalwe. UPetros ngokuqinisekileyo wayethetha ingcamango enye njengoYesu noPawulos, ababesithi umthetho uwonke ushwankathelwe kunyanzeleko lokuba kuthandwe uThixo ngentliziyo yethu iphela, sithande abamelwane bethu njengoko sizithanda (Mat. 22:34–39, Rom. 13:8–10). UPetros ukwakhuthaza amaKristu ukuba abe nobubele. UkuBuya kwesiBini kunokuba kusondele, kodwa amaKristu akufuneki azirhoxise kubudlelwane basekuhlaleni ngenxa yako. Ekugqibeleni, xa amaKristu ethetha, kufuneka enze njengabo bathetha amazwi kaThixo. Ngamanye amazwi, ukuba nzima kwexesha, kufuna ukuthethwa okuzimiseleyo ngeenyaniso zasemoyeni.

**“Uthando luya kugubungela inkitha yezono.” Ngubani okonileyo? Ungalubonakalisa njani uthando olufunekayo ukuze “ugubungele” eso sono? Kutheni le nto kukuhle kuwe ukuba ukwenze oko?**

## Ingcamango Eyongeziweyo:

“Uthando olunyamezelayo nolunobubele alusayi kwenza nkulu impazamo ibe sisono esingenakuxolelwa, nolungayi kuzenza nkulu iimposiso zabanye. IziBhalo zifundisa ngokucacileyo ukuba abonayo kufuneka baphathwe ngonyamezelo nokubacingela. Ukuba kulandelwa ikhondo elilungileyo, intliziyo ebonakala iqaqadekile ingazuzelwa kuKristu. Uthando lukaYesu lugubungela inkitha yezono. Ubabalo lwaKhe aluze lukhokelele ekuvezeni iimposiso zomnye, ngaphandle kokuba kungenxa yesinyanzeliso esiza nokuhle.”—Ellen G. White, *Counsels to Parents, Teachers, and Students*, p. 267. Cinga, umzekelo, ngoYesu nomfazi owabanjwa ekukrexezeni (Yohane 8:1–11). Sikholisa ukulikhangelwa eli njengebali lobabalo lukaKristu kulo mfazi uwileyo, kwaye oko kuyinyaniso. Sekunjalo, kukwakho isiqalelo esinzulu apha. Ekujonganeni neenkokheli zenkolo ezazisa lo mfazi kuYesu, kwakutheni ukuze uYesu abhale phantsi “iimfihlelo ezinobutyala zobabo ubomi” (Ellen G. White, *The Desire of Ages*, p.461) emhlabeni, apho amagama enokucimeka ngokukhawuleza? Kwakutheni engababeki ityala ekuhlени, avakalise phambi komntu wonke oko wayekwazi ngezabo izono, ekunokwenzeka ukuba zazizibi ngokufanayo okanye kakhulu kuneso saloo mfazi? Endaweni yoko, uYesu wababonisa ukuba wayelwazi uhanahaniso nobubi babo, kodwa wayengayi kubuveza kwabanye. Mhlawumbi yayiyindlela kaYesu le yokufikelela kula madoda, ewabonisa ukuba wayezazi iinjongo zawo, ngoko ewanika ithuba lokuba asindiswe. Isifundo esingummangaliso kuthi xa sidinga ukujongana nabo bonileyo!

## Imibuzo Yokuxoxwa:

- 1. Gxilani ngakumbi kumba wobunye ngokuchasene nokwenza nto-nye. Ingaba kukho iindawo apho sidinga ukuba siphelile kubunye bengcinga ukuze sisebenze njengebandla? Ukuba kunjalo, zeziphi, kwaye singakuzusa njani oku kwenza nto-nye kufunekayo? Kwelinye icala, zeziphi iindawo apho ukungqubana kweembono kungeyiyo ingozi kodwa, ngokwenene, kuluncedo?**
- 2. Athini amava akho ngembono yokudingeka kokuva ubunzima enyameni” ukuze uyeke ukona? Kuthetha ntoni oko? Ingaba ukuba namandla kaThixo ebomini bethu ukuba asitshintshe kuthetha ukuba kuya kuzenzekela ukuba singeva ubunzima enyameni ukuze sizuze uloyiso? Ukuba akunjalo, kungokuba kutheni?**
- 3. Khawulaqaze ubone umonakalo owenziwa yi-alkohol kubantu abaninzi. Singenza ntoni njengebandla ukunceda abanye ukuba bayibone ingozi yesi siyobisi? Singenza ntoni ukugcina abantu abatsha beqaphele ukuba kungaba yimpazamo kwa ukuzama ukuyilinga into enokubenzela umonakalo omkhulu kakhulu?**

